

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

[IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESI-HLANU, JANUARY 4, 1889.

[No. 216]

## UVOTO.

John J. Irvine & Co.,

KI NG WILLI AMSTOWN.

OLUKA

GOWIE

Uluhlu Lwezityalo

ziika DECEMBER.

'Kubavoti bemimandla yase- Qonce, Emonti, Ekomani, Edoloro, belipetwe ngu Meja, Kipetwe ngu Bylth, nelipetwe gu NdabeniKunmyadala oyulo Iwelungu Lendlu ye e vu (Council) Kumbulani

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s  
IBHATYI „—5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d  
I-Bhulukwe „—4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s  
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d  
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutsbata)—16s 9d to 18s 9d.  
Ihempe zamadoda zomsebenzi—Iod, is, Is 3d, is 6d, 2s  
Ihempe ze fulaneli—is 6d, is 9d, 2s, 2s 6d  
Iliempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s lid, 3s 6

IMITI YEZIQAMO eziqamo zibonxayo mayincenceshelwe nga manzi.

Izitombo ezi ntshala ezi ngcanjini ze miti mazi nqanyulwe.

Ezona zi kaulezayo Intyantyambo ziya kudubula ngamandla ngoku, ezoti ukuba azifunelwa kubuye ziqulunqwe, zinqanyulwe okanye zitiwe pumpe amancam.

HLWAYAYELA i Cauliflower (ezona zilunge kanye i Cauliflower zeziveliawe yi mbewu eblwayelwe ngale nange-gqitileyo inyanga). ne Radish, Spinach, Lettuce, njalo njalo.

I Cucumbers, no Mbona, ne Marrow, nama Tanga, ne Tapile, zinokutyalwa ze zivunwe mva.

I Torenia, Cockscorn, Zinnia, nezinye intyantyambo ezibutataka.

KWA

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

U  
WILLIAM J. DEALY

Umhlobo wenyaniso wenu

???

u YUZI

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbehveni). Zisusela ku 4s 6d , zise kwi ponti.

iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi  
Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi  
Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi .  
Izitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,  
u-ALUVENI.

Vote yena.

U DYER no DYER

EZIVEKI ZIMBINI  
BANEMPAHLA ENINZI.

Intlobo ngentlobo, yi 3d. ngeyadi. gwangqa, yi 4d. ngeyadi.

azi yamakwenkwe, enetyeps, 6d. umnye. azi yamadoda, 2s. umnye.

Ibike ili 10s. 6d.

???

Izihlangu Zamadoda, Zabafazi,

Nezabantwana

???

Kwa

DYER & DYER

Kingwilliamstown

Iyama ne Zonka

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengen\_ ko  
MURKE NO MARSH,  
nakwisitalato esipambi Kwe ofisi ngase mcantcatweni.

BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge

KWA. J.P. JAMESON & CO.,  
e QONCE (Kingwilliamstown),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba, Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

—UNGAMLIBALI—

J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

AW. REID,

UMTENGI WENTO YONKE,

e Downing Street, King Williamstown,  
nase East London (e Monti).

Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Impondo, Itapile, njalo, njalo.

Utenga ngawona manani makulu ase Markeni nge CASH.

WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA  
Ngakwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika

Awona manani apezulu ngo Boya nezonto.

I Arente yokutengisela e Markeni, nokutumela kwezinye indawo.

UTENGA zonke intlobo zeqqamo zombala- ba nge "cash." Utengisela zonke tlobo zokutya okuzinkozo, itapile, njalo- njalo, ngokuvuzwa nge Is. epontini ye ali (5 per cent.). Imali ifunyanwa ngokukuleza.

I Address: —

Market Square,  
Kingwilliamstown.

Ibandla Elihambisa Ibhambisa

I SEBE leli Bandle Eqonce, lite kuba linga Ibhambisa ingafunyanwa nangabapantsi, ilungiselela ukuba zitengiswe ge 2s. 6d. inye, Ibhambisa pa ze Sixhosa ezincinane bezifudula zitengiswa nge s. 6d. Kukwako ne Zibhalo zo Cebano Oludala lodwa ezixabiso yi Is. kuba kufuneka zitengise zapela. Ibhambisa zeli Bandle ziunyanwa kwa O. W. BLUHM, market Square, Kingwilliamstown.

H. J. BATTS, Hon.  
Secretary.

Kingwilliamstown,  
27 Nov., 1888. 2t28,89.

Ikaya Lendwendwe.

IYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile 3 apa e- Komani, Amagumbi, nezitale, entlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe larike.  
R. T. NUKUNA & CO., Calderwood Street, Queenstown.

ABAZELWEYO.

TENGO-JABAVU. — E Sauerville, Fort Peddie,  
ngo 6 December, 1888, u Mrs  
J. TENGO-JABAVU, ubeleke UNYANA,

ABATSHATILEYO.

HLAWE-BOBO.—E Xesi kwa Kama, ngo 13 December, 1888, kubandanywe emtshatweni ongewele ngu Rev. E. Barrett, WM. HLAWE, into yokugqibela ka Hlawe wakwa Kama, no MARGARET Bobo, intombi yokugqibela ka Stephen Bobo, wakwa Kama.

ABABHUBHILEYO.

GAWLER.—Kubhubhe e Blayi ngo 11 December, 1888, usana luka Rev. J. Wm. no E. Gawler; ubudala balo buyimihla 28.

MTYAPI.—E Kubnsi, ngomhla we Kres. mesi, 25 December, 1888, kubhubha JOHN NONGELE MTYAPI.

## Iveki.

U DR. EGAN uliroxibile igama lake kunyadala wonyulo esikundleni sika Nkanunu.

AMANENE apesheya kolwandle atumele umtandazo ku Lord Salisbury, Intloko yo Rulumente we Nkosazana, emcela ukuba akusele abantu Abantsundu base Afrika ngoku pelisa intengiso yotywala kubo. Ute u Lord Salisbury ukupendula, izinga engeli senziwa kukunyunwa kwe rafu yabo.

UMHLA we Kriesmesi ube nobushushu obukulu, obudanjiswe yi mpepo emva kwa dinala kakulu.

U MR. IRVING, omnye we titshala zase Blythewood, pesheya kwe Nciba, utehate nge 26 December no Miss Beatrice Deary walapa.

INJA ka Mr. J. J. Havenga wase Richmond, ebihamba no malusi ibulewe bushushu belanga ngeveki egqitileyo, busuke bumane ukuyucuka uboya.

KUBETWE amadoda amatatu antsundu ngu mbane e Stafford, ese Natal, enye yafa kwa oko, azingxwela amabini.

KUDUTYULWE ingonyama zamini ngase Vryburg.

ZIBE zikulu izidlo zee Nibidyalu kwindawo ngendawo. Apa ngase Qonce bezidliwa kwa Mlakalaka zenziwe ngu Mr. Nkonyeni, oxhele inkomo negusha yanye.

KUKO izipompotela zama fokotshela aman' ukubonakala kwezi ndada zase Qonce ezizanelwa ukuba zinobe begenga. Lisiko lokubalela ukubako kwezi dlwengo.

AMATSHAKA ase Natal atwel' amehlo ukungxamela abelungakazi. Ngeveki egqitileyo ebete sa amapolisa efuna obe dlwengile intombazana ecinane, omnye ekupeleni kwe veki ushiye amadindala ngengqobe ebe banjwa ngoku ngqula umlungakazi esitalweni emini.

NGE Kresmesi kwahlulelene isikolo sakwa Lose, pantsi kwa mahlati, namaqaba zalila intonga. Lonto isimangalisile ukuba ihle kweso sikolo sakwa Hleke esingasiyayo, ize ingehli kwesika Masingata esisilayo.

Kwi Nkundla enkulu ye Jaji ngenyanga eduleyo e Kapa kuyalezwe ukuba ifama yomfi u Mr. H. Mahonga ese Macibini mayi nikwe u Mr. Edward Mahonga itaitile yayo.

NGOBUSUKU be Timiti yase Rode kuqeka, zwe ivenkile ka Mr. W. C. Mtoba kwabiwa iponti ezine ezine shumi.

UMANZABOMVU uvuke pantsi kwa Mduhane.

INDWENDWE ebezikwamanye amakaya abantsundu ziyakala kakulu ngokunyauwa kwamaxabiso ezilungiselelo kwabavela kwezinye indawo.

EMGQAKWEBE ka Masingata ibe nkulu i Nyibidyalu. Kuugene inkonzo emini yakusasa yokubulela Umyaka Omntsha. Ite yakupuma kwaiyiya ezidilwene ebezilungiselelwe ngu Mr. Philemon Jack Nkonyakazi. Amanqata egusha abaxaka abantu, ada apuma nabo ngelityi ontlabetye (amaqaba) abatilwe abebeszele.

NGOLWESI-BINI lweveki elandelayo ezayo yintlanganisyo yengxoxo kwa Marela.

EBUTSHEMI baleveki kune izipango ezikulu e Komani nase Katikati.

UNYANA uwoyisekazi we Kumkani yama Swazi ongu Mgopolu ubalekele e Transvaal ukusindisa ubom xa bekusikwa inkosana ebezisenza iyelenge lokubulala Ikumkani.

UNDABENI, Inkulu ye Manti zise Mbo ubeye Emnceba ukuba alungise no Mdlanngazo isipitipiti esidalwe ngu Mbah. Isizatu sesisipitipiti bubusela betupi yesika Mbali, U Mbali lowo udliwe ikulu lenkomo. U Makaula ne Manti yake bakupe imisila yokhamba isidla onke Amabhaca ateleyo kulonkatozo ka Mbali.

INTETO ka Mr. Pelem kwele veki egqitileyo enyelisa o Mr. Joseph Tele nabanye kuba banyule indoda exhasa ulalo luka Sprigg, abe pofu naye enyule u Foloosi okwa xhasa u Sprigg, ifauna nokutywila kwe nkawu yona intywila ngobuso bodwa isivele sonke.

IMBETI zebhola zase Ngilani zidlale kabini e Kapa, kokokuqala umdlalo zikutshiwe, kowesibini zakutshwa ezase Kapa. Ngoku zise Bhayi apo basadiwiyo kwakanye apapeshaya.

UMFO ka Faku wesika Zulu e Hewu opata imiciza uyafunwa ngama polisa. Ubese Rini kule nyanga ifileyo wapa abafazi ababatu iyeza. Omnye wafa, owe sibini sekubonwa kusisa. Mawalumke amagqira ango vuk' endleleni.

UMLUNGU ongu John Grove wase Murraysburg utweleni intwazana engekagqibi neshumi elinesibhozo ubudala engu Miss Vorster waya kwela nayo kwela Mabhulu e Transvaal.

NGOMHLA we Kresmesi umlungu wase Moddiel River ufake imfakadolo engxashi. weyo emlonyeni wazidubula, suka imbulu endaweni yokucita ubuopo yapuma ebnnzi nganeao kwabo, usiwe e Hospatala yase Kimberley apo agulela kona.

INQWELA ka Mr. J. J. Edwards ebilayishe 21 amabhali ibonwe seyisitsha egqubeni ekukululwa kulo, isuka e Nyara isiya e Cookhouse kwusinda amahlana amabhali.

IMASTYI ezinkulu zelipeshaya kwe Nciba nase Mbo ziyalezwe ngu Rulumente ukuba maziungise amagama abantu abayakuba zi Juri xa kutetwa amatyala zi Jaji emva ko March.

U SIR GORDON SPRIGG uhambele kwela Mabhulu e Bloemfontein.

I PALAMENTE yase Free State eyi Volks, raad idibana ngolwssi-Tata oluzayo.

U CHARLIE MARAMA wase Beaconsfield ube kwele ekebhini, yati yakama wati makani-kwe itshintshi yeshumi, ute akulamkela akavama ukulirola ishutni elibomvana, kwase kubizwa idindala limsa ematyaleni apo adliwe iponti ezintlan' sisandla se manyi, ahlahle inyanga entangeni engenazo ezoponti.

UMFO wapeshaya kwe Nciba ate esiya e Ngqamakwe eyakaba lingqina etyaleni wabetwa ngumbane wafa kanye nehache lake.

I KOFU etyalwe ngu Mr. Dredge ezanta' apa ngaae Tyolomnqa intl' kakalu.

AMAKULU amatatu enkomo zika Dinizulu ebezisatyiselwe kowa Maawazi nkuaindiawa ku Rulumente zitinjwe ngama Swazi.

NGEVEKI ye Kreameai kuxabene u Tubeni no Nqumati ebholeni kwa Brownlee kwako iapitipiti esibangele ukuba u Tubeni afuma- ne iziaihla ne nduma ezininzi. Ububhele e Hospatala age Nibidyalu. Elotyala liya kutetwa ngolweai-Tatu oluzayo.

UMFANA ongu Charlie ubhaqwe ngumlu. ngu esukelana nentombazana edyalidini kwatiwa makemke, wasuka wacola imbokotwe wangibisela umlungu waya kuwa wemka ke. Usukelwe wabanjwa, wadliwa i £5 amandla se Manti yase Beaconsfield, e Dayimani, ukuba akanazo ahlale iveki ezi ndandatu etolongweni.

ILIZWE elimele i Amazon ese Amelika limi ngabafazi kuba liti lakufa kupume bona amadoda agcime impahla nentsapo emakaya. Kumatafa ase Asia entla kwe Indiya kuti kwakufika isifo esibhubhisiyo, esingeva yeza, abafazi bahlanganisane, baxobe ngokwamadoda esiya engqina baye ezindle balalalale intsuku bodwa, ekubuyeni kwabo babulale yonke impahla abahlanga nayo nezinja ne hangu nekati, ukuba abani. nizo ababahlangabezanga ngenkomo yokutaruzisa, befikile emakaya sipele isifo, nangezimini sikuzo apa bati abafundisi abazigebenga besakoyisa amadoda bccita umsebenzi we Lizwi kude kusuke abafazi ukuze boyiswe. Tyapile udalwe \* Woman lovely woman'.

U NKOSI MDLANGAZO uvumelene no Nkosi Makaula ukuba isela elibanjweyo malibulawe nokuba li Bhaca nokuba li Mpondo.

LISENZE ieanzwili ukubalela, kayasbwa-xeka konke okupuma emhlabeni.

INTLANGANISO yaba fundide abantsundu bemvaba yase Wesile, besiqingata esonga. nyelwe ngu Rev. F. Mason, baya kuhlanguana ngeveki engapaya, 19 January, e Cradock; Abesiqingata esonganyelwe ngu Rev. R. Lamplough iya kuqala kwa ngalo veki ngo 16 January, kodwa apa e Qonce.

UMFO wase Xopo, e Natal, uti kubulewe inkabi zamini ngumbane, kwahlinza izikumba zodwa ngnmninzo yalahlwa inyama. Ate akufika amaxalanga anela ukuya joja akayitya.

YINKUNGU ne langa abantu abasand' ukufakwa entolongweni yase Dayimani ngoku tshuxa benikwa izihlanu nezizatu ze minyaka. Bafunyenwe ngumlungu abebe fuda bezi tengisa kaye idayimani osuke wati ji pakati wangu ntaminani.

KUKO umlungu ofane wadubula umntu omnyama e Johannesburg ngapandle kwe sizatu ; nbanjwe.

ABANTU abazi funda bengazi bhatali *Imvo Zabantsundu* mabazi ukuba bayela oboleka nge *Mvo* uncedisa ubusela, ngoku unetyala elingapezulu kwele sala.

KUMAKWENKWANA ezikulu zalapa abe. nyuke nge nqwelo aya kncait i Holide ye Nyibidyalu pantsi kwa Mahlati kulahleke enye kwelohlati lika Hoho. Upume wonke umzi wakwa Hleke waya kufuna ehlatini Iwafunyanwa olo selutwabaza pezu kwama. blati lungenzakalanga.

E NATAL kufike amakulu amatatu ama Kali nenqanawa eyi *Qatlamba* avela £ Indiya.

AMAKWENKWANA ka W. Kruger ngase Cradock ngokuzana kwawo omabini oyo kuqubha, kanti umlambo uyangenisa, emka acolwa ezantsi sefelfe.

IMBIZO abebizelwe kuyo u Mbandeni Ikumkani yama Swazi yi nkosi yama Bhulu ibiyeyokwenza icebo lokuba u Mbandeni: makaman' ukwamkela ikhupa lemali kt Rulumente wase Mabhulwini ngonyaka uze umhlaba wake ube pantsi kolaulo l'w Mabulu.

IBHASO le Kresmesi eliyi Amanack solinga ukulitumela kunye nepepa le veki ezayo kubamkeli be *Mvo*.

I " CHRISTIAN EXPRESS " yase Dikeni ivakalisa ukuba *Isigidimi Samaxosa* siyekelwe ukushicilelwa njengoko kwakutiwe tupa njalo kwesokugqibela.

AMAQAKAMBA amabini abe banjwe ekekeze ivenkile ka Mr. Utting e Monti, alindiselwi i Jaji.

I LAWU elingu Piet Prinsloo lidliwe ipont mhlambi iveki entolongweni ngokuhlaba inkabi ezimbini ngemela pezu kokakayi lakuba shushu.

SESIKE sawabona amaculo amatsha ase Wesile asa shicilelwe kwazi qwengana zami pepa. Singabuye senze inqaku ngawo sakaba ne tuba, intwana esingayitetyi ngoku senga abenzi bawo ngebe capuke kanobom kwincwadi yase Tshatshi neyase Rabe. Isipako esikulu kuwo kuswelli impembetelo eyo moya eukumisa intliziyo nenteto yayo yeba Jawa maculo madah alahlwayo ase Wesile.

mbu esidala somntu entlabatini ecwebeni lase Monti, site sakukangangelwa saziwa ukuba sesika Mr. Danbour owaye kutyela intlanzi ngokuhlwa ukutwasa kwehlobo akabuya, ekubonakala ukuba weyele. Kufikwe ingaseko imilenze nomnye umkono.

E CILDARA ngase Ngcwazi yenziwe i Kresmesi ngokuvulwa kwendlo entsha ye sikula.

E TAMARA seyigqitywa ukwandiswa indlu ye tyalike kwa neyo mfundisi, zisetyenzwa yi ingcibi yase Magqunukweleni u Mr. John Makolota.

Kuviwo lwalonyakalwabalungiselela amawonga obumantyi nezendla zemantyi akuno nalinye igama lomntu omnyama. Akukabiko upumelelayo koluwivo. Kufundiswa ntonina lemnyaka yonke zi Simnala za Bantsundu ? Liza kucaca izwi lomntu owati abantu abamnyana abafundiswa basuke bapandlwe ngotuli emehlweni.

KUVAKALA ukuba iqela elikulu lamadoda na ayesuke kweli aya kusebenza kuloliwe wase Natal apalele ngokungavani nabapati ababaweqashile.

UMLUNGU ongu Rose ucolwe esitalatweni sase Kapa eludwamba enuka ibhulanti, walayishwa nge kiliva nkusiwa entangeni, wasuka waukaka esandukufika.

KULANDYEBO inyikizwayo kwele Golide ngabelungu umntu omnyama akungembaqi, nonemali akutandabuzeki ukuba ange-sitengiselwa nesiqwengana somhlaba.

E SAUERVILLE, Engqushwa yenziwa ngu Mr. John Maqolo i Kresmesi, wenza ingxikela ye Nyibidala u Mr. James M. Ntutu ezite zahluza zangama kiyokiyi zizwe.

## INGOMA ZEMITSHATO.

[BY SOUND.]  
Emangesini ingoma zizintlobo ezininzi: singabalula intlobo zone, *Sacred and Secular*: ezokuqala ekutiwa zi *Sacred* zezokudumisa u Tixo, kudidi lwezi *Secular* kuko ezokucula ngamaxesha omihlali nekodwa; nazo ke zizintlobo. Ziko ezokudanisisa, ezingacululwa xa kungadaniswayo, ziko ezemitekisetso yabantwana; zonke ezingoma ke zinamaxesha azo, ongati ukuba ucule enye yazo apo bekufuneka yimbi ube ngumntu wokuhlekwa.

Zonke ezintlobo ziyadityaniswa emi-shatweni. Zahlulwa zenziwe ndidi ntau: kuaqalo ngum " Saundo," kuze kulandele iculo lase tyalakeni, nokuba ngu " Nkosi siblangene," kuze kugqitywe ngom " Qukumbelo." Zontatu ke ezo ngomayingoma inye. Umsaundo lowo yinto ebushant, Indodana iti yakuba izidwilese ezitulweni pambi kwayo intombi, ime papibi kwazo ijikelele iqiya, ihlube nebbatyiuhlahlebele kuzo ukuba yintonina, ati yena, andikahlabei, ndisa saunda, emva kweculo kungena umqokubelo. Yinto ke leyo okuvalakala kakuhle kumntu ozaziyo ezama qaba ukuba itatyatelwe kwezo ngoma.

Beke ndahambela emtshatweni, ndifuna ukuba kenditabete intlobo zemisaundo nemiqokubelo ekoyo ukuze udikangele ukuba akuna kulingwa ndlela na bangenzelwa ingoma abantu abatsha. Ingoma enje ngeka Mr. Bokwe yomtshato inye indawo exakayo kuyo. Abantu abatsha abafuni ngoma ifana naleyo, bakolwa zi *7 sunds* ezimazwi anokupindwa pindwa amigcane ngamibini. Ndihlali ubusuku bonke ndipele i note book yam, ndipaula kuyo yonke imiqokubelo evakalayo, kuba iko engavakaliyo. Yityo le ke:

Yiqobosheni i Mfengu leyo Nize njalo apa kum, Yizesehi nok' ingena mkala Yireleni nok' ingena penya Mawo lent' i Mfengu yinja.

Into esimanga ihlatyelwa le ngoma nangumfo wase Mbo kunge akutetwa yena. Baye vana bona abantu bayo. Omnye ngu Nomtatsi:

U Nomtatsi wandenza Bendingenye, Watwetwa akoyiki nameva, Isikolobo sepeni sipelile.

Undlela mbini ke lo ukuvalwa kwawo. Omnye umqokubelo ngu Sisila Sehobe:

Sisila se hobe  
Maye! ndombeka pina Ndombeka apa (esifubeni).

Ite intokazi etile kanti isondele kakulu kwindoda eshweshwe enye intokazi xa kuculwano. Umnini ndoda urwecive kwatiwa naso isikolobo Sako simka. Igqite kum lentokazi, yaqubula ikofu yam yenka nayo. Ndiibuzile xa ibuya ne *cup eze* ukuba ipina ikofu yam, yati, hayi, buti, bendiye kude mbisa inxano lomntu emva naye. Kanti ifike iyabalapazela ngalo kofu. Site sisakupa lomfana ukuba emke emtshatweni, kwahlatyelwa umqokubelo oti:—

" Ukwelazel' indod' ingey' eyako, Ulilel' indoda ungatshatanga."

Ute wakuba ugqitywe lowo tapu intokazi nomnye umqokubelo:—

" Intombi zanyonaka Ziyandixaka, Zihamba namadoda Anabafazi."

Yomibini iculwe ngokunanditshelwa ngabo bonke.

Kuko nalo:—  
" Nongxobongwana Zisivimb' inyama."

Omyne utete ngo xam:—  
" Duda nonkala Nanko u Xam etshata, Singamawele sobabui."

Lite elinye inene lisaionge ubbelukazi olutle, yesuka lentokazi yalibeta elu-pondweni ngomqokubelo oti:—  
" Fan' undijonga Uba ndokwangisa."

Laselivisika umva kwa oko, Ndiqokumbela ngokuti ke le miqoku- nqelo imanina yakuculwa yodwa, ingadityaniswa namaculo etyalike.

## Ibala le Bhola

Incolobela ze bhola zapeshaya zidlwe yi XXII nge 17 runs yesiqendu zangase ntsionalanga.

\*\*\*  
Ngeziholide ze Xmas ngo-Mvulo beku-dibene "Champion C.C." ne "Try Again C.C." zalapa. I Champions zenza 113, i Try Again 48 ne 44, yadliwa i Try Again nge 21 runs and eleven wickets.

\*\*\*  
Ngolwesi-Tatu zadlala i return. Nanga amanani,— "Champions" ingeno lokuqala:— Ngcumbe, b Jones 12, Seti, c b Butler 31, Zondani senr., b Butler 4, Zondani junr., c Fisher, b Jones 8, Tshatshu, c Butler, b Willex 0, Xele, b Jones 19, Meya, b Fisher 5, Konza, b Fisher 4, Genge, run out 11, Sidaia junr., b Fisher 10, Xiniwe, not out 32, Extras 15, Total 151.—Ingeno lokuqala le " Try Again":— Fisher, b Xiniwe 0, Butler, not out 27, I. Flenk, c Xiniwe, b Ngcumbe 3, Draai, b Ngcumbe 19, Willex, b Ngcumbe 0, Koen, b Zondani 3, Jones, c & b Xiniwe 1, Webster, b Ngcumbe 1, W. Flenk, b Ngcumbe 7, Hatting, b Zondani 5, Adams, run out 2, Extras 7, Total 74.—Ingeno lesibini,—Fisher, b Seti 4, Butler, c Seti, b Xiniwe 12, Flenk, 2, Draai, b Ngcumbe 15, Koen, c Genge 1, Willex, b Genge 1, Jones, b Ngcumbe 9, Websters, c Meya, b Ngcumbe 9, Flenk, b Ngcumbe 33, Hatting 9, Adams, not out 0, Extras 16, Total 107. Yadliwa i "Try Again" nge 77 runs kumangeno okuqala.

### E BHAYI.

"FEAR NOT C.C." NE "ETHIOPIAN C.C."

Inkunzi ezikade zigqubelana zide zazuzana. Inkunzi entsha namhla ipele ibongo, kuba inkunzi endala iya ivuka ngokuvuka. Into entle ngumoya omhle pakati kwabadlali, ekute nakuba kwakubanjene zinkunzi ezikade ezijamelene akwabiko nto imbi yenzekayo. Into ebalulekileyo kubaholishi zibhola zo Foley no Sinuka ezibangele ukuba singahambi isikofa se Tiypoiya.

Kumangeno okuqala i Tiypoiya ipele kwi 26, kwelonani lonke akubangako nanye i extra. Kuyanomeka kanye ukudlala kwe Fear Not C.C. Ingeno i Fear Not venza 84—yegqita nge 58, kwi Tiypoiya—kulo 84 i extras yi 17; Ibhola ze Fear Not ngwa nehiyezana lafafazi kutiwa yi *Castor Oil*, ati umntu esalutlula abe seleqala ukufinga ubuso, ziva guba; zibeta indoda ibete i *asch koek*. Bati basebeza abanye bati, kuko lento kwakaba kwaliwa u Sinuka uyagibisela, kungokuba ezi pambi kokuyikupa ake abete i *askuku*.

ETHIOPIAN C.C., 1ST INNINGS.  
D Hlati b Sinuka 1, G Santi b Foley 0, B Christian c and b Foley 8, K Tshona c and b Sinuka 3, J W Gawler stumped 3, J Morley c Kade 6, G A Ross stumped 2, H Pezisa c Klaas b Sinuka 2, R Yekele b Foley 0, J Vayi not out 1, J Ngeni c Boyse b Foley 0, Total 26.

FEAR NOT C.C., 1ST INNINGS  
B Sinuka c and b Pezisa '22, J Magaba c Gawler b Pezisa 4, Sam Jacob c and b Christian 18, D Kade c Hlati b Christian 18, S Boyse b Ross 3, M Foley b Christian 2, J Notyoda b Christian 0, S Nkole b Christian 0, W Zwaartbooi not out 0, T Klaas b Ross 0, T Mpu b Christian 0, Byes 14, leg byes 1, wides 2, Total 84.

ETHIOPIAN C.C.,—SECOND INNINGS.  
G Santi b Sinuka 1, K Tshona b Foley 0, R Christian b Foley 4, G A Ross b Sinuka 8, D Hlati c Sinuka b Foley 1, H Pezisa b Sinuka 5, J W Gawler c Mpu b Foley 21, J Morley b Sinuka 0, J Ngeni not out 0, R Yekele b Foley 5, J Vayi c Mpu b Foley 10, Byes 2, Leg byes 1, Total second innings 49, First innings 26, Grand Total 75.

### WEST END C.C. vs. ETHIOPIAN C.C.

Nge 8th December odluleyo kwaqubisana ezi club zimbini zingentla emhlabeni we Ethiopian C.C. Kwaqala kwangena i West End C.C. yenza 59, ekubeni vana yayindlele ukwenza inani elinga pezulu, koko into ka Pezisa yarola inqaba, igquba ngedolo xa ibholoyo. Ite yakungena i Ethiopian C.U aqala amadoda ayizigela intlonze, into ka Tshona yayileqqa i West End ayayinika xesha.

WEST END C.C.  
J de Klerk c Lwana b Pezisa 7, Alexander b Christian 2, Ruiters run out b Pezisa 11, A Michaels b Pezisa 4, A Sayster c Hlati b Pezisa 4, Kasper b Pezisa 0, Arends c Hlati b Makwena 12, Cedras b Makwe- na 4, Roelise b Pezisa 2, R Gallant b Makwena 2, J Johnson not out 1, Extras 10, Total 59.

ETHIOPIAN C.C.  
R Yekele run out b Sayster 0, W Tywayi c Alexander b Sayster 9, I Mpidwa c Sayster b Johnson 1, K Tshona c de Klerk b Johnson 23, F Makwena c Sayster b Johnson 1, I Ngqina run out b Johnson 1, I J Pezisa not out 3, D Hlati c Sayster b Johnson 4, R Christian to bat, S Maqa- nda do, S Lwana do, Extras 3, Total 45.

### SOUTH END UNITED C.C. vs. ETHIOPIAN C.C.

Nge 15th December odluleyo kwadibana ezi Club zingentla pesheya kwecweba emhlabeni we South End United C.C. Yoyisai Ethiopian C.C. nge 23.

SOUTH END UNITED C.C.  
Dickson c Ross b Makwena 12, Madat run out b Ross 0, Boyce b Makwena 7, Harrison b Ross 1, Langford c Makwena b Makwena 4, Burness c Christian b Makwena 0, Moyce c Lwana b Makwena 1, J Burness b Ross 3, Seymour b Ross 4, Cager not out 8, Adams run out b Mana 0, Extras 3, Total 43.

ETHIOPIAN C.C.  
D Ngqina b Harrison 16, D Hlati b Harrison 4, D Tshona b Cager 8, G A Ross c W Burness b Harrison 8, J D Mzatno b W Burness 3, J Morley lbw b Harrison 0, H J Pezisa c Boyce b W Burness 4, S Lwana c Seymour b Cager 0, Christian c Seymour b Cager 4, F Makwena not out 4, W Tywayi b W Burness 0, Extras 15, Total 66.

### I LAWN TENNIS.

Ngomhla wa 20 October, ama Tinara ayece Bhayi ukuya kudlala lomdlalo

ungasentla (Lawn Tennis). Kwapambi kwedinala. Nanga amagama abadlali:—

Pambi kwedinala (kwadlazambini).

*1 Bhayi*. 1st Set. 9

Mr. G. B. Sinuka

Miss Pangeni 6 games

*1 Tinara*, 1st Set.

Mr Madlaila 2 games

Miss Radasi

YeYe Bhayi apa ke i *Set*,

*2nd Set ye Bhayi*.

Mr Sinuka benza 6 games

Miss Smith

*2nd Set ye Tinara*.

Mr. H. C. Msikinya 4 games

Miss Zengele

Yakwa yeYe Bhayi nalapa i *Set*. Kumkiwe ke kwaiyiya edinaleni Kute kwakubuywa kwangena:—

*3rd Set ye Bhayi*.

Mr Vena

Mis Smith benza 0 games

*3rd Set ye Tinara*.

Mr. Dlakiya no Miss Boyce, 6 games.

Ladliwa i Bhayi. Wapata kuwa u Mr Vena, wanxanwa, waqumba.

*4th Set ye Bhayi*.

Mr. Foley no Miss Pangeni, 5 games.

*4th Set ye Tinara*. i

Mr. Mzamo no Miss Jacobs, 6 game

Ladlala i Tinara kwabonakala uku ngamadoda noko apa.

*5th Set ye Bhayi*

Mr. Boyce no Mr. Jindela, 2 games.

*5th Set ye Tinara*.

Mr. Dlakiya no Miss Boyce, 6 games

*5th Set ye Bhayi*.

Mr. Foley no Miss Pangeni, 5 games

*6th Set ye Tinara*.

Mr. Mzamo no Miss Jacobs, 6 *th Set ye Tinara*

Mr. Boyce no Miss Jindela, 0 games

*7th Set ye Tinara*.

Mr. Dlakiya no Miss Zengele, 6 games

*8th Set ye Bhayi*.

Mr. Foley no Miss Pangeni, 6 games

*5th Set ye Taara*.

Mr. Mzamo uo Miss Jacobs, 1 game.

*9th Set*

zingako. Bangatini abantu  
ndo ukuvimela izinto  
ngemidaniso. Zingekape!  
ngezi ndizibalileyo. " B  
prenez ma mesure." namhlanje, ndobuye  
ndiku pezu kway' intaba.  
OMI PEZU KWENTAB' OMKI Mount  
Coke, December 14, 1889

## INKUTAZO.

Nditi nkosi Mhleli we *Mvo Zabantsundu*  
ungadinwa sithi luhlanga lwake mfo ka Jabavu :  
u Mosisi wafela ama mbo, uze wenjenjalo  
nawe ngomnyaka wonke, umvuzo 'upambili  
Enkosini Yesu unyana kaTixo Ndiyakuyala na  
wakowetu, ufele enyanisweni yomelela  
ukalipe. Incwadi ka Isaki. Uze lamazwana  
uwafake kwi *Mvo Zabantsundu*; kiufuneka  
ufake ne mitandazo ngoluvo olunye abantu  
bakowenu.

Vryburg, Dec 22, 1889I



In its retrospect of 1888, the *Cape Argus* thus notices the incident of the release of the Native Chiefs in its relation to the Kingwilliamstown elections:—"Some spice was given to the election by the dramatic stroke of releasing the Native prisoners sentenced for rebellion in 1877-8, in order to conciliate the Native vote in Kingwilliamstown, where Mr. Schermbucker contested a seat, resigning his seat in the Legislative Council for that purpose. Sandile, Mantanzima, Tini Macomo, Gungobella, and Gumna were accordingly released, and conveyed to new locations assigned to them. Mr. Schermbucker defeated Mr. Solomon by a narrow majority by the aid of the Native vote, but described his victory as a triumph of the European vote."

THE Sittings of the Wesleyan Committee for the Queenstown "District," commence in Kingwilliamstown week after next. Rev. R. Lamglough, Chairman and Superintendent of this diocese, will preside, and the proceedings are likely to last a fortnight. The work represented by the Ministers and Laymen, extends from the Keiskama to the Orange River, and from Tarkastad to the Tsomo River.

THE *Christian Express* (Lovedale) announces that it has been determined to discontinue the issue of the small Kafir newspaper known as the *Isigidimi Sama-xosa* that has been published in the Institution for the past eighteen years. "Several reasons we read," have led to this, but among these may be mentioned following. "Within the last few years another Native newspaper has been issued more frequently, and more free also from its position, and kind of support it receives, to discuss political questions and parties—both of which subjects are but rarely suitable for the columns of the *Isigidimi*. Within the last few years also, the small grant of £.50 years for Government notices and advertisements has been withdrawn and this, along with the failure of a good many subscribers to pay their amounts regularly has led to a loss, not very large, but still a loss during the last three years. Hence the resolution now come to. The original understanding at starting was, that the support given to the paper should be equal to the ordinary yearly expenses. This is not now being realised, and we don't feel justified in appropriating for this special purpose money which is required for other objects in connection with this place. In days gone by, many laudable had been made to establish small native paper. Some lived a few months some a year or two. The *Isigidimi* has been by far the longest lived of its race, run on with varying fortune for nineteen years. It may be frankly to have had many deficiencies, it may be admitted also to have published some little good during it. Among the least of these may be reckoned the educating a small section of Natives to the use of a paper in their heritage. This process carried on years may have helped clear the new venture and perhaps have afforded a ready made list with their address

Relly mourn the discontinuance of our contemporary. *Isigidimi*, the name which has been a household term among our people. It has done a world good among the Natives, and has Brayed a by means inferior part in helping on the work which Lovedale had so much at heart. To be successful a newspaper must be true to itself, and I then, and then only, can it be true to its readers. Now, we feel reluctantly compelled to observe that until a few months [before its death there had been a certain hollowness in the advocacy of the opinions which found expression in the *Isigidimi*, and there was, moreover, discernible a certain tendency to assume in some questions an attitude of opposition to this journal merely for opposition's sake. This could not please those who relish straightforward and honest speech, and the Native reading section took no delight in mere journalistic amenities. Interest thus flagged in the paper. "Be just; and fear not," is the correct motto in journalism, and the only one likely to find favour with the masses. How it can be said by the *Express* that *Isigidimi* may "have afforded a ready made list of subscribers with their addresses" to *Imvo* we cannot understand, as no unfair advantage was taken of *Isigidimi* by us, and the remark of our contemporary is somewhat unfortunate.

It is stated on the authority of the *Kaffrarian Watchman* that Dr. Egan has withdrawn from the contest for the Easter Circle.

### South Africa in the Imperial Parliament.

The following items gleaned from the newspapers which came out by the last mail from England are of interest out here:—

Bechuanaland was the subject of a question on November 30th, in the House of Commons

Sir J. Colomb asked the Secretary of State for the Colonies whether attention had been called to the public declaration of one of the Ministers of Cape Colony that "the Cape Government would annex Bechuanaland in spite of Montseias protests, and notwithstanding the contrary statements of her Majesty's Ministers."

Baron H. De Worms: The Secretary of State is not aware that the words quoted are correct report of any statement by one of the Cape Ministers. As her Majesty's Government are satisfied that at present no anxiety in British Bechuanaland on the subject, they have it necessary to make any in the territory.

Mr. Hubbard asked the under-secretary for the Colonies whether attention has been directed to the addressed Sir Sidney Shippard, Administration of British Bechuanaland by Khama, chief of the Mangwatho whether, Her Majesty's government could do anything to give

Khama the help he begged for and who were the firm of Wood, Chapman, Francis, and Clark so much dreaded by Khama.

Baron H. De Worms: Sir Sydney Sheppard has been instructed to assure Khama that her Majesty's Government will give him all support that is possible in his efforts to put down the liquor trade in his territories. Wood, Chapman, Francis, and Clark were traders in Khama's and the adjacent countries. Francis and Clark had been expelled by Khama from his territory for violation of his rules against the introduction and sale of intoxicating liquors, and afterwards, in company with Chapman, endeavoured to bring about a filibustering raid against Khama.

Dr. Clark asked whether it was not the case that other Bachuana chiefs had protested against the British traders bringing liquor into the country, and whether the Government were doing anything to stop the trade.

Baron H. De Worms: The Government are doing all in their power to check the extension of the liquor traffic throughout all the British possessions and protectorates in South Africa.

As regards the affairs of Zululand the following questions were put on the 3rd December.

Dr. Clarke asked the Under-Secretary of State for the Colonies whether it was the case, as stated in the *Natal Witness* of October 20th, that five Zulus had been sentenced to be hanged by the court sitting at Ekowe; and whether those men had been defended by counsel.

Baron H. De Worms: There is no foundation whatever for the statement in the hon. member's question that five Zulus had been sentenced to be hanged by the court at Ekowe. On the receipt of the hon. gentleman's question the Secretary of State communicated with the Governor of Natal, and the following reply has been received:—"No truth in report mentioned in your lordship's telegram. Not even aware Osborn has as yet taken legal proceedings against persons accused." I may again repeat what I have said in the House in answer to a former question, that no sentences will be carried out until Her Majesty's Government have had an opportunity of considering the evidence.

Some time back it was reported by cable that Sir Henry Blake had been appointed as successor to Sir H. Robinson, but that report was thus settled in the House of Commons

In answer to Dr. Clark,

Baron H. De Worms said there is no intention of advising the Queen to appoint Sir Henry Blake to be Governor of the Cape Colony.

### CAPE GOVERNORSHIP.

A statement was published in Monday's papers, on the authority of the Press Association, that Sir Hercules Robinson will retire from the Governorship of Cape Colony in April next, and that it is proposed that he shall be succeeded by Sir Henry Blake. Appended are some of the comments of the Home Press upon this announcement, which has since been officially contradicted:—

The *Pall Mall Gazette* says:—"This won't do, won't do at all. It would be out of the frying-pan into the fire with a vengeance. There are more Irish in South Africa in influential positions than in Queensland, and the office of High Commissioner, the most important in all the service, should not be made the consolation stakes for the rejected Governor of the least important of our Australian Colonies."

The *Star* says:—"As is well-known, Sir Hercules Robinson's term of service at the Cape expires early in the new year, and it is stated, on what purports to be authority, that Sir Henry Blake is to succeed him. If that is the intention of the Government they will do well to reconsider it. In the first place, the Governorship of the Cape is one of the prizes of the Colonial Civil Service and Sir Henry Blake has not the shadow of a title to it. The salary is £6,000 a year, and there are many pickings. But that is the least of the objections to the appointment. There is no Colony in which it is more necessary to have a Governor of tact, judgment, and experience than at the Cape. He has to rule a community largely composed of Dutchmen, many of whom are working for separation from England. Questions of the highest moment rest in a peculiar degree with him for decision, and as High Commissioner he is absolute ruler over immense tracts of Native territory. What are Sir Henry Blake's qualifications for such a position? What does he know about Native questions, and the rivalries of Dutch and English? Nothing. Just as little as Mr. Sendall, the Local Government Office clerk who was appointed to Natal, but whose appointment had to be cancelled directly the Natalians heard of it. They are not less stiff-necked at the Cape. But Lord Knutsford must have heard that there are no Irish there. If he persists in the appointment he will find that Cape Colonists are as little inclined to be ruled by ex-Irish constabulary officers as Queenslanders."

## AMAYEZA

ADUME KUNENE,

JESSE SHAW (U-Nogqala).  
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

AMAYEZA aya yabzwa kakulu ngumninwiwo, ngenxa ku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza uku necda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa vobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka e'kwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; ngenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).  
Umciza ongazange ungakupilisi ukuhuna kwe nyoka, nezinye munu.

ELONA (Specific).

Elona yeza lesifo so Xaxnzo Iwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

## BANTSUNDU!

### Bantsundu! Bantsundu!

NALI iculo lika "Folokoco" linge-lilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa.

Lilo eli:—

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup'ezeziwe everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakoikazi Ngapandle komteketiso Ngu Folokoco, —Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Zityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'thrue, inteng'yetu iyodwa.

Zibhatyi, zihempe, neminqwazi, Nebhulukwe zezizikiweyo,— Zonk' impahla zamalekikazi: Ngenene zezifanekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetn.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church,  
Kingwilliamstown,

Apo niya kumbona kona u Mr. FOLOKOCO ngokwake (saluf).

### KUBAHLBO BETU.

Sikwinyanga yokugqibela ekwateni, ekwa yinyanga yokupela kulo nyaka. Bonke abamkeli be "Mvo" abebe sasilelele ukuhlalula siya babongoza ukuba baqoshelise, kuba kambe eli lixa lokuqoshelisa, ukuze bawungene belula unyaka ozayo u 1889. Amagama abafuna ukuqala ukwamkela ' Imvo makatunyelwe kwakweziveki. Banga-libali ukutumela nentlalo. Pambili ke nto zakowetu!

## J. E. DEXTER.

INGCIBI yemiti no Mlungiseleli wo Kungcwaba. Ngezantsi kwesitora sakwa Aluveni. Kingwilliamstown.

## Kufunwa Umvangeli.

E BARKLY WEST Ibandla lase Wesile lifuna indoda entliziyi isembenzini we Nkosi ukuba ngn Mvangeli. Umvuso woba malunga ne £45 ngonyaka kunye nendlu. Abanga bangayifumana lendawo mababhalele ku

REV. J. S. MORRIS.

Beaconsfield. 2012,88.

ELIKA

## ORSMOND IYEZA ELIKULU LASE AFIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli-lizwe.

### UMPILISWEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufo- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele. namava amaninzi mninilo, uliyaleza nge-ngqiniseko eliyenza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi. sheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intuku ezilishumi. Ibhotele nganye ihauba ne ncwadi ene neto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,  
Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

## KO TITSHALA.

KUFUNWA i Titshala (etshatileyo) yokutabata isikula sase Buchanan, swa Qumbu (Main Station School), ingene jmsebenzini ngo January. Umka Titshala itungise. Abayi funayo londawo maba ihalele pambi kosuku lwe 20 December, jatumele neziqiniseko zabo ku,

REV. JOHN W. STIRLING.

# Baker, Baker & co

ABATENGISI BENGUBO ZENTLOBOZONKE,  
e QONCE (KINGWILLIAMSTOWN).

Kaloku bane Mpalila eninzi yokunxitywa e Hlotyeni :—

Ibhatyi zehlobo, ziqalela kwi 3s lid zinyuke.

Ibhulukwe zehlobo, ziqalela kwi 3s 9d zinyuke.

Iminqwazi zehlobo, ne veyile.

Ihempe zangapantsi, nebhulukwe zangapantsi, njalo, njalo, zonke zehlobo, zopola, kammandi xa kushushu ngelihlobo le 1888.

Ihempe Zehlobo (zitshipu), Is.

Basand'ukunqika ikasi ze mpahla eninzi, ozi BHATYI ne

BHULUKWE zama polisa, zitshipu kakulu kawuti gxada uze kubona kulondlu.

YAKWA

## Baker, Baker & Co.

E-QONCE (Kingwilliamstown).

## BAKER, BAKER, & CO.

(Kulandlu ibi no NGOMTI).

### Abangenisi be mpahla ya-Pesheya

Banayo yonke impahla efunwa nga Ba-Ntsundu uziKetela Kwinto eninzi yazo.

Ngabateni bo Boya, Izikumba, no Kudla, njalo, njalo.

E Marikeni, Kingwilliamstown..

B. G. LENNON & CO.,

Abatengisi bamayeza nabenzi bawo

E MONTI.

BONA bawatenga pesheya awaboamayeza.

Benza amayeza ama Bhulu nemiciza yama Xosa. Bavubongoza umsi ukuke uqwalasele kulawo alandelayo, abhalwe nge neto yesi Xosa.

Oka LENNON Umciza Wokohloko

Eka LENNON Umciza Wokohloko

Oka LENNON Incindi Yamazinyo.

Oka LENNON Umciza we Stepu (wesifo sentsana).

Oka LENNON Umciza wamehto.

Oka LENNON Umciza wecesina.

Oka LENNON Amafuta ezilonda.

Oka LENNON Ingaqatana zomshesikane.

Oka LENNON Umciza woxaxazo.

Oka LENNON Umciza wepalo.

Oka LENNON Umciza wengozi.

Oka LENNON Umciza wecesina.

UMTENGISI

E. BLANCK, Cegmani, Transkei.

## KUTENCISWA NGOKU.

I Jersey zama ledi zamabala ne ntlobo zonke.

Izihlangu ze njolobha ziqalela kwi 4/6 kuse kwi 6/6.

Ezibotshwa ngemitya ziqalela kwi 6/ kuse kwi 7/6.

Ikausi zamaledi ezitshipu, ezona' zilungileyo ziqalela kwi 3d kuse kwi 1d.

Iziteyisi zamaledi zentlobo namal bala onke.

I Printi kongona zitshipu ku neng'angapambili.

COOK

ngobokisana. we Eka

COOK Incindi Yezinyo.

6d. ngebotile. Oka

COOK Umciza Westepu Sabant-

wana. 6d ngebotile. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.

6d ngesiqunyana. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

Printed for the Proprietor, J. TENOO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.